# Ukuphila nokhubazeko asikokungakwazi ukwenza into



*Khanyisa Kufa*
*Umfundi owenza unyaka wokuqala*
*Yunivesithi yaseFort Hare*

Igama lam ndinguKhanyisa Kufa, ndazalelwa eKapa ndaze ndakhulela eColosa kwilali yaseDutywa. Ndenza unyaka wokuqala apha kwiYunivesithi yaseFort Hare, kwisidanga seBA kwezoNxibelelwano (BA in Communications). IsiXhosa sesinye sezifundo ezitshila phambili kwizifundo zam.

IsiXhosa ndaqala ukusithanda ndisenza amabanga am aphakamileyo eColosa Secondary School ngenxa kaMiss Nqabiso, kuba wayesifundisa kamnandi, esenza sinike umdla de wakhula ngakumbi umnqweno wam wokuba ngenye imini ndibe ngumsasazi kumajelo osasazo esiXhosa. Mhlobo Wenene, ndisendleleni!

Umcelimngeni endithe ndahlangabezana nawo ngexesha lokubhalisela ukuba ngumfundi ngokupheleleyo kule Yunivesithi, kukuvalwa kwenkqubo (system) yokubhalisa ngenxa yokuba ndandingenayo imali eyayifunwa kwaye noNSFAS wayengekasipasisi isicelo sokubhatalela izifundo zam. Kuthe ngethamsanqa ndadityaniswa Miss Nosicelo Buwa, osebenza kwiYunithi yaBafundi abaPhila noKhubazeko, ndacela uncedo kuye nakwabanye abantu kumakhasi onxibelelwano afana noFacebook. UMEC wezeMfundo kwiPhondo leMpuma Koloni, uMnumzana Fundile Gade ngomnye wabantu abathe bavakalewa wandipha inkxasomali ndabe ndiyakwazi ukubhalisela izifundo zam kule kwaNokholeji.

Ndingathanda ukuthi koogxa bam nabanye abantu abaphila nokhubazeko, ukhubazeko aluchazi ubuwena kwaye umntu angaya nokuba kuphi, enze lento ayifunayo kwaye abantu abaphila nokhubazeko mabayamkele imeko yabo bangazisizeli. Mna ndiphila nokhubazeko kulo mzimba ungasentla, kodwa loo nto ayikhange indinqande ekufundeni nabafundi abangaphili nokhubazeko, kwaye ndayiphumelela imatriki nesiqinisekiso esindingenisela ukufunda isidanga eYunivesithi. Amazwi engcebiso koogxa bam nakwabanye abantu ngolwimi lweenkobe, isiXhosa, ndingathanda ukuthi kubalulekile ukuba balukhethe ulwimi lwabo nakumaziko emfundo ephakamileyo kwaye baluxabise, bazityand' igila, khon' ukuze lungatshitshi.

Eli nqaku lihlelwe ngomnye wabahleli, uMsimelelo Mashologu.



# Iingcebiso ngokwenza uphandobunzululwazi

*Mlamli Diko (Umnkqonkqozi kubuGqirhalwazi)*
*IYunivesithi yoMzantsi Afrika*
*dikom@unisa.co.za*

Kuye wonke umfundi owenza uphandobunzululwazi kulwimi noncwadi lwesiXhosa, kuquka nenkcubeko yamaXhosa, mayiphawuleke into yokuba le yindlela ende. Oko kukuthi, uphandonzulu oluqhubayo wena mfundi asinto ekunokuthiwa igqityiwe okanye iphelele, kuba kaloku isiXhosa sisonke kudala senziwa isicamba sokuxangxathwa ngamakoloniyali kunye nabo babeenjongo zazikukungcwaba konke okubizwa ngesizwe semidaka yodaka lomhlaba. Ngako oko, iintetha neembono ezizama ukukuthibaza, zikutheze amandla, kufuneka uziqonde njengeentetha neembono ezondele nzulu kwimbono zobukoloniyali, ingcinezelo nocalucalulo.

Eli thuba sele ulifumene lokuphuhlisa ulwimi, uncwadi, kunye nenkcubeko yamaXhosa ungabokuze ulithathe njengelingenagalelo, londele nzulu kuphuhliso nokhuliso lweefilosofi zabaNtsundu, nama-Afrika jikelele. Mfundi, wokhumbula ukuba noko kudala usiba luphethwe ngabo basemazweni; ngako oko, xa sele ulifumene eli thuba, ingangumdla wam nabanye abaninzi ukuba ugwencele okwesikhwenene kwiimbonobunzululwazi zama-Afrika, uzama ukuphuhlisa umgangatho wesiXhosa nezinye iilwimi zasenkundleni. Xa isiXhosa singenakuphuhliswa nguwe, ngubani oya kuthi asiphuhlise?



Kananjalo, ingumdla wam into yokuba uluqonde uphandobunzululwazi lwakho njengesiqalo seengxoxobunzululwazi ezininzi ezisezayo kulo vimba kaXhosa. Ewe, iziphumo zoko uphanda nzulu ngako zisenokungabonakali ngomso okanye kwiminyaka emihlanu ezayo; kodwa, ndinqwenela uluqonde uphandonzulu lwesiXhosa njengesiqalo sayo nayiphi na into. Njengoko sele nditshilo ngasentla, isiXhosa sisatshotsha emnyango ngenxa yefuthe negalelo leelwimi zamakoloniyali ezisatshotsha entla. Ngaphezu koku, engenakunyanyezelwa into yeyokuba kuqhutyekwe nokunyathelwa phezu kwesiXhosa, endaweni yokuxhathisa nokusimelela ngaso. Ngamafutshane, olu phandonzulu uphezu kwalo ngoku, ungavumi ukuba lucime engqondweni yakho nakulowo usecaleni kwakho. Umonakalo owathi wenziwa ngamakoloniyali usabonakala nanamhla oku. Ngeso sizathu, xa sele ulifumene ithuba lokuphanda nzulu futhi uhlomle ngeembonobunzululwazi zesizwe somgquba, yiba sele uyibamba kanjalo.

Okokugqibela, kunganjani xa unokuwunweba lo mcwe sele uhamba phezu kwawo, utyhalele phambili ngeenzame zokutyebisa umzi kaXhosa? Ungandixeleli ukuba olu phandonzulu uluphetheyo sisiphelo seembono onokuzizisa kuvimba wolwazi. Ayinakubanjalo!




# Unyaka kaNjingalwazi ZK Matthews

*Mlamli Diko (Umnkqonkqozi kubuGqirhalwazi)*
*IYunivesithi yoMzantsi Afrika*
*dikom@unisa.co.za*

USekelangqonyela neNqununu yeYunivesithi, uNjingalwazi Buhlungu umisele unyaka wama2024 njengonyaka kaNjingalwazi ZK Matthews. Kwiminyaka elikhulu eyadlulayo, lo kaMatthews waba ngumthwesa wokuqala oNtsundu wale Yunivesithi yaseFort Hare. Oku kwamvulela indlela yokuba yintshatsheli nentshokotsheli etshila phambili kwimfundo. UNjingalwazi Buhlungu umzobe uNjingalwazi Matthews njengoyena mntu ofanele ukubhiyozelwa njengetshawe lokuzakuzela inkululeko kwezemfundo nokuzimela kwyunivesithi.

Lo kaBuhlungu ukhuthaze abafundi nabahlohli ukuba bazilahlele nofele ekulandeleni ekhondweni lale ngangalala yakwaMatthews. Ngaphaya koko, bambhiyozele lo kaMatthews ngokubamba izifundo, iinkomfa babhale namaphepha ngegalelo nelifa lalomjijiva weNjingalwazi ebijija ezinye.

NB! Le mifanekiso ingezantsi icholacholwe kwimithombo eyahlukileyo ekwinjini yokukhangela ulwazi yakwaGoogle.



# Ilizwi lembongi

## MTHWESEN' INDW' UWAGQIBIL' AMAYEZA!

*Mzoli Mavimbela (Umnkqonkqozi kubuGqirhalwazi)*
*Imbongi, umphandilwazi, noNontlalontle*
*mzo.mavimbela@gmail.com*

Andimnt' ufan' abhud' abonge.
Andimlom' ufan' atheth' aloqe.
Akukho ntw' ingako ndiyazi ngaye.
Ewe kodwa ndimazi ncam ngeendaba.
Ewe nakokaDludla waangqin' ebek' iintambo.
Ewe nakooLuks wakha walil' eval' umkhusane.
Kuqalwa phi n' ukubong' injing' enjengoNoxolo?
Mthwesen' indw' uwagqibil' amayeza!

Ewe ngumth' omkhulu kub' usondle kakhuulu.
Ewe uGrootboom yinjinga, yinjojeli, yinjanjalarha.
Ewe uNoxolo uze noxolo kulaa maz' omoya.
Umth' omkhulu ke uvakala ngosebe-sebe,
Wahla-wahla, whuuu-whiii umve mhla kugqutha;
Umth' oncokola uchubekile sel' uthule.
Umth' osithe omncinci nomdala kwiindaba.
Mthwesen' indw' uwagqibil' amayeza!

Yimbelukaz' engadlelaniyo nekaLudiza.
Intyatyamb' evumba livakala nasebusika.
Arhathaz' ancume afunde eng' ulitola.
Aqwele ngathi, "Ndinithanda nonk' emakhaya!"

Namhlanje ke mbhem' uthwase wagqiba.
Uligqirha nje Jambas' uyinjinga.
Hamba k' uwel' amazwe usilobel' ezimisila mide.
Ukhanyise apha, apho naphayaa!
Halala sifundiswa halala!

Ze niphakame nimkhahlele ke x' ecand' iqonga.
Ze niqhwabe nityityimbe nitshw' amakhwelo, 'vityoo!'
Ze nimchazel' ukub' uMzoli uthe 'bayethe Lisa'.
Mthwesen' indw' uwagqibil' amayeza!

*(08 kweyoMsintsi 2021 - umbongo owawukhahlela uMam' uNoxolo Grootboom odla umhlalaphantsi kufundo lweendaba zesiXhosa, xa wayethwala indwe yobuGqirhalwazi kwiDyunivesithi iRhodes).*











## USiphosethu Faneme ubalisa ibali likaNongqawuse ngobugcisa

*Baxolise Gcaza*
*Umhleli*

USiphosethu Faneme yinzalelwane yaseMdantsane kwidolophu yaseMonti kweli leMpuma kapa. Ukusuka kowama2017 ukuya kowama2018 ubengomnye wabafundi kwiziko lemfundo ephakamileyo iLovedale Tvet College kwikhampasi yaseDikeni waza waphumelela iSatifikethu sikaN6 kwizifundo zobuGcisa kunye noYilo.

Uthando olungazenzisiyo kwezobugcisa noyilo luthe lakhuthaza le nzwakazi ekubeni ibhalisele iDiploma kwizifundo zobuchwepheshe obuhle (Fine Arts) kwiYunivesiti yaseFort Hare kwikhampasi yaseDikeni kunyaka wama2019.

Lo kaFamene wenze uphando olunikisa umdla kwizifundo. Uphando lwakhe belugxile kwibali likaNongqawuse. Ulicacise eli bali ngokufutshane esithi uNongqawuse wayengumprofeti owayesaziwa ngokungcatsha abantu abamnyama ebayalela ukuba batshabalalise amasimi nemfuyo yabo. UFamene ubalisa eli bali esebenzisa ubugcisa ngezikweko ezibalisayo nezibonwayo, ekwenza oku kwiphepha elimdaka (brown paper), kwikofu, itshokhwe emhlophe, umsizi omnyama, kunye neGas *light*.

Lo kaFumene wenze lo msebenzi uphume emagqabini, uphawule wathi, "Isizathu sokuba ndikhethe ukubhala ngeli bali kukuba ndikhule nomakhulu obesoloko esibalisela ngamabali anentsingiselo kunye nemfundiso. Ndikwangumntu othanda amabali antsokothileyo nanentsingiselo efihlakeleyo ukuze kwande ulwazi nakwabo baya kuthi benze uphando ngoNongqawuse. Okokugqibela, ndingathi ndicebise abo banomdla kwezi zifundo ndizenzileyo ukuba bangazifulatheli izinto ezithetha ngenkcubeko yamaXhosa kwaye bagrumbe nzulu ngamabali esizwe sethu belungiselela nesizukulwana esizayo."



# Uphandolwazi kwiSebe leeLwimi zabaNtsundu

*South African Journal of African Languages* 2023, 43(Suppl.): 351–360

*Copyright © 2023 NISC (Pty) Ltd*

South African Journal of African Languages
*ISSN 0257-2117 EISSN 2305-1159*
https://doi.org/10.1080/02572117.2024.2322279

## Ukuphuhliselwa ezobuNgcali kweeLwimi zaseAfrika: isiXhosa njengolwimi lokuphanda

**Lukhanyo Elvis Makhenyane**

*African Languages Department, University of Fort Hare, Alice, South Africa*
*Correspondence: lmakhenyane@ufh.ac.za*

**Kutsha nje, umdla wabaphandilwazi ngeelwimi zaseAfrika utyekele nasekuphuhliselweni ezobungcali kweelwimi zaseAfrika. Uphandolwazi lwezi ngcali ludandalazisa ukuba iilwimi zaseAfrika zikulungele ukusetyenziswa njengeelwimi zokufunda nokufundisa kumaziko emfundo ephakamileyo. Nakubeni kukho uphandolwazi olusele lwenziwe ngokuphuhliselwa ezobungcali kweelwimi zaseAfrika, lunqongophele uphandolwazi olugxile ekuphuhliselweni kwezi lwimi zibe zilwimi zokuphanda, ngokungakumbi isiXhosa. Eli nqaku liqokelele laza lehla amahlongwane isigama sokuphanda esisetyenzisiweyo kwiingxelo zophandolwazi ezibhalwe ngesiXhosa kwizifundo zobuNgqawalwazi (*Master's*) nezobuGqirhalwazi, ngeenjongo zokuphuhlisa isigama sokuphanda sesiXhosa. Uninzi lwabaphandi abasele bebhale iingxelo zophandolwazi ngesiXhosa ziingcali zolwimi, nto leyo eyenze kwaba lula ukuziqambela isigama sokuphanda. Noxa kunjalo, ukungabikho kwesigama sokuphanda ngesiXhosa esimiselweyo kuthintela abaphandi abaphuma kweminye imihlaba yemfundo ekubhaleni ingxelo yophandolwazi ngesiXhosa. Ukuhlalutya ulwazi, eli nqaku lingqiyame ngeengcingane zokuphuhlisa isigama, nezisekelwe kwisithako sesigama sikaWüster. Ukuphuhlisa isigama kubhekisele kwinkqubo yokwandisela isigama solwimi kumathambeka amatsha. Ithambeka eligxeleshwe leli nqaku lelo lokuphanda ngesiXhosa. Eli nqaku lisebenzise uphengululo loncwadi olucwangcisiweyo njengoyilo lophandolwazi, apho liphengulule iingxelo zophandolwazi lobuNgqawalwazi nelobuGqirhalwazi. Liye lafumanisa ukuba iingcali ziyabethabethana kwisigama sesiXhosa esisetyenziswa kuphando, nto leyo ebonisa intswelo yesigama sokuphanda sesiXhosa esimiselweyo. Igalelo leli nqaku kukuthelela kwilinge lokuphuhliselwa ezobungcali kweelwimi zaseAfrika ngokundulula isigama sokuphanda sesiXhosa esingathi simiselwe kamva. Kananjalo, kukukhawulezisa nokomeleza iphulo lokuhlambulula ubukoloniyali kwimfundo ephakamileyo.**



# IsiXhosa siyatyisa

*Baxolise Gcaza*
*Umhleli*

Esinye sezinxiba-mxhaka eziselula ngokweminyaka kodwa esinegalelo elikhulu kakhulu ezingqondweni zabafundi kwiYunivesiti yakwaNokholeji nakubantu jikelele nguAsonele Mgwaxaza. Lo mfo waziwa kakhulu kwimidlalwana yakhe ehlekisayo (comedy) efumaneka kumakhasi onxiblelwano ngelika Mr Obvious. Lityendyana elazalelwa kwidolophu yaseMthatha eliyithanda kakhulu inkcubeko nolwimi lwayo lweenkobe.

Oku kuthe kwabalasela emveni kokuba ethe waqala wathweswa isidanga sakhe sokuqala kwiBachelor of Economics ngonyaka ka2023, waqhubeka kwakulonyaka wama2023 nezifundo zePost Graduate Certificate in Education (PGCE) ekhokelisa ngeEconomics kunye neBusiness studies, ukanti kulo umiyo wama2024 ulindele ukuthweswa isidanga sakhe kwezizifundo yaye ukwaqhubela phambili neOnazi zeEconomics kwakule kaNokholeji.

Eyona nto enikisa umdla ngoMnumzana Mgwaxaza kukuba akaluthatheli phantsi ulwimi lwakhe lweenkobe, isiXhosa. Ukubonisa oku ngokuqhuba imidlwalwana yakhe ehlekisayo nokubhala iimbalelwano ezikhuthazayo ngesiXhosa. Oku kuthe kwamvulela amathuba angazange awalindele ebomini bakhe afana nokuba azibone ebizwa ukuba abe ngumphathinkqubo (MC) kwiminyhadala ethile. Konke oku kwenziwa ngamandla okudibanisa imfundo nothando lolwimi lwakhe lwemveli.

Oku kulandelayo yenye yembalelwano zakhe ezikhuthazayo athe wayibhala egxile kwiimpembelelo zabahlobo kogxa babo:

**UMHLOBO YINGCUKA**

Impazamo yolutsha kutsha nje kukuzinza ekuncumiseni abahlobo kunabazali. Ngenxa yokonelisa abahlobo ke, bambi bazilibala msinya iziyalo zabazali, abanye baphulukana nesikolo, namaphupha kwaye bayaylibala abayfunayo ngenxa yokuthinjwa ziindywala nokuphulukana nomkhondo weCawa. Umthandazo wam kukuba uQamata ababusise ngobulumko ukuze bamohlule umhlobo esekunene kumhlobo wenene, bamohlule umhlobo ongumqobo kumhlobo woqobo, ukuze bagqibele ngothandana bangathembani, bafundane bangafukamani kwaye babaliselane bangapapashi. Yanga uQamata angabakhumbuza ukuba bangamakhoboka kubahlobo kodwa balukholo nengqiqo kubazali babo. Yanga bangahlambuluka bakubone isidingo ukuncumisa abazali khon'ukuze elowo nalowo abe ligunya kuTata abe libhongo kuMama abuye abe ligugu kubo.

uMhlobo yiNgcuka
-Mr Obvious 2024





# UMnumzana Nomdlamboyi uphakamisa indwe kaNokholeji

*Baxolise Gcaza*
*Umhleli*

Kuluvuyo nochulumanco ukubona ulutsha luzinikele ekuqhubekeni nezifundo ezinomsila kulwimi lwethu singamaXhosa, nelingasathathelwa ntweni ngabaninzi. UMnumzana S. Nomdlomboyi owazalelwa eLady Frere kwilali yaseMtsheko, nofundisa eMt Arthur High School, sesinye sezithwalandwe zakwaNokholeji esithe sakhokhelisa isiXhosa njengesinye sezifundo zakhe ezitshila phambili kwizifundo zakhe zobotitshala.

Ekuphenduleni umbuzo othi yintoni eyamenza akhethe iFort Hare kumaziko onke akhoyo, uphendule wenjenje: "Mandiqale ndilitsolise elithi, ukufuna isikolo kumaziko aphezulu ezemfundo akuyonto ilula. Ibisoloko iliphupha lam ukuba ngomnye wezifundiswa eziphuma apha ngokuba le yunivesithi yenye yeyunivesithi ezinembali ekuqhuqheni inkwethu nakwiinkokheli zethu, kwaye iyeyona yayikhongozele uluntu oluNtsundu ukuze kuphume iingcali nengcacholo, iinkcubabuchopho zeenkokheli zeli lizwe loMzantsi Afrika neAfrika iphela. Kananjalo, le yunivesithi isenalo ifuthe nangoku kwisizukulwana esifana nam, isenendumasi yokugqotsa phambili ekukhupheni oomakhwekhwetha babefundisintsapho, ingakumbi kwabo basimelele ngesiXhosa kwizifundo zabo."

Njengokuba kucaca ukuba ulutsha lwale mihla luyazikhwebula kwizinto ezifana nenkcubeko yalo, mna ndingaphawula ndithi, isiXhosa lulwimi apho endathi ndaqala ukulithathela ingqalelo ndisekumabanga aphantsi. Oku kwazalwa ngamaphupha endandinawo ngobomi bam ukuze ndizibone njengabanye babasasazi abaphume izandla ukufunda iindaba zesiXhosa kunomathotholo, okanye ndingomnye wootitshala abafundisa isiXhosa. Oku kwandenza ndisithande ngakumbi isiXhosa esi, okunye okwandikhuthazayo nangakumbi yindlela ootitshala bam ababesifundisa ngayo isiXhosa. Olu lwimi lubaluleke ngokuba apha kulo lifumbethe inkcubeko yesizwe sethu njengabantu abaNtsundu, nto leyo ethi ngokulifunda asizilibali ukuba singoobani na.

Kumava endinawo njengoMfundisintsapho oqeqeshelwe ukufundisa isiXhosa, ndingatsho ndithi ndifunde ukuzingca nokuzithemba, uzibone ungumntu phakathi kwabanye, utyityimba ngolu lwimi, yinto engaxhaphakanga tu kulutsha lwangoku. Ukanti, abanye babafundi bayaluthakazelela olu lwimi kwaye bayazimisela ekulifundeni benamaphupho nabo ukuba bayakuze batye ngalo ngenye imini. Indlela yokulithetha kusetyenziswa izagwelo nezangunda zamagama, ubuchule nokukwazi ukucikoza usebenzisa olu lwimi, yinto leyo endifumanise ukuba ithande ukungaqheleki kubengathi ngelinye ixesha uthetha isiXhosa simbi xa bekuphulaphule abafundi. Onke lomakhwinibe ayandikhuthaza ukuba ndiqinisekise ukuba baphuma bephekekile noba bakubone ukubaluleka kolwimi lwethu.

Eli tyendyana liwaqwele lawaqongqotha ngelithi, "Ukucebisa nokukhuthaza, ndingatsho ndithi ulutsha maluzinike ithuba ke luqwalasele olu lwimi baziqhelanise nokulifunda befunda iincwadi namaphephandaba , baziqhelanise nokusithetha besebenzisa ubuchule becikoza ukuze intetho yabo ibe yintetho encindi incamisayo. Ukulungisa ingqondo ngendlela ebona ngayo izinto yenye yezinto engasincedisa ukuba nesizayo isizukulwana sizeke mzekweni kuba kaloku xa uzixelele uzimisele kwinto oyilangazelelayo, wenza kangangoko unako ukuliphumeza iphupha onalo. Ukanti kweli xesha siphila kulo siyalubona ulutsha oluninzi luzibhokoxa ukubonakalisa iitalente abanazo kumaqonga ezonxebelelwano ngenxa yokuphucuka kobuxhakaxhaka obisetyenziswayo kule mihla, bambi bayacula, bayabonga, bayalingisa, abanye bafunda iincwadi. Oku ke kusebenza njengobugqina obubonakalayo okunokusebenza ukukhuthaza ulutsha ukuba nalo lizibone lukumankqwankqwa aphezulu kutshikizwa ngolul wimi lakwaNtu. Ndiwavale ngelithi, masisixabiseni isiXhosa, sisinike imbeko ngokufanayo nezinye iilwimi nezifundo ezikolweni, ukuze nabo abasakhulayo bakwazi ukungazijongeli phantsi ngolwimi lwabo, koko basuke baqaqambe ngakumbi ekusebenziseni olu lwimi lakwantu."

Ikhwelo lityala!



